



**A NATION
THAT WORKS**



UMZIMVUBU

NEWS

JULY - SEPTEMBER 2026 EDITION | UPHULISO KUMNTU WONKE

Butshintshile ubomi bukamama Mbengwana ngenyanga katata Nelson Mandela

NGU: Iviwe Makhasi



BEFORE

Njengexalenye yemibhiyozo yeNyanga kaTata uNelson Mandela, uMasipala wasekuHloleni Umzimvubu unikezele ngokusesikweni ngendlu entsha kusapho lakwaMbengwana kwilali yaseHofisi, eWadi 23, KwaBhaca, ngomhla we-17 kweyeKhala 2026.

Olu nikezelo luyinxalenye yeenzame zikaMasipala zokubhiyozela imini yokuzalwa kukaMadiba ngokwenza izinto ezinempembelelo ebonakalayo kubomi babantu, ingakumbi kumalungu oluntu ajongene neemeko zokuhlala ezingakhuselekanga.

Ethetha ngexesha lomsitho, uSodolophu woMzimvubu, uCeba Zukiswa Ndevu, uthe olu phuhliso lubonakalisa ukuzibophelela kukamasipala ekuphuculeni iimeko zokuhlala zabahlali.

SinguMasipala silapha eWadi 23 namhlanje kwikhaya likaMama uMagcwanini, osele ekhulile nobefudula ehlala kwimeko engentlanga. Namhlanje sinikezela ngale ndlu ngenjongo yokuqinisekisa ukuba umama uhlala kwindawo ekhuselekileyo, esemgangathweni kunye nosapho lwakhe,” utshilo uCeba Ndevu.

UMama uMagcwanini Mbengwana uvakalise umbulelo ongazenzisiyo kumasipala echaza ukuba yena nosapho lwakhe bebakade behlala kwindlu ebingakhuselekanga. Uthe ukufumana ikhaya elitsha kuye kube lutshintsho olukhulu noluyintsikelelo kusapho lwakhe.

“Ndiyabulela kuThixo nakumasipala. Namhlanje ndinendlu ekhuselekileyo, kwaye olu lutshintsho olukhulu ebomini bam nakusapho lwam,” utshilo uMama Mbengwana.

Ukwakhiwa nokunikezelwa kwale ndlu kubonisa indima ebalulekileyo edlalwa nguMasipala



ekuphuculeni iimeko zokuhlala nokuzisa ithemba kumakhaya oluntu, ngakumbi ngexesha lokubhiyozela ubomi bukaTata uNelson Mandela. Le projekthi ikwaqambisa ukubaluleka



AFTER

kokuthatha inxaxheba kwi “67 Minutes for Madiba” unikele ngezenzo ezibonakalayo ezizisa utshintsho oluhle kubomi babantu.

KUTYELELWE IZIKOLO ZOLWALUKO KWABHACA

NGU: Kwanele Nojoko



Ngexesha lolwaluko lwasebusika, ngomhla weshumi kweyeKhala 2026, iNdlu yeeNkosi namaKhoi-San yePhondo leMpuma Koloni (Eastern Cape House of Traditional Leaders and Khoisan), ikunye neNdlu yoWiso-mthetho yePhondo (Eastern Cape Legislature), ityelele izikolo zolwaluko ezikwidolophu yaKwaBhaca.

Le nkqubo iqale ngentlanganiso ebibanjelwe kwaMasipala eMzimvubu, nalapho kuye kwaxoxwa ngemiba enxulumene nokhuseleko lwabakhwetha kunye nokubaluleka kokugcinwa kweSiko lolwaluko lukhuselekile, phambi kokuba kuthathwe utyelelo kwezo zikolo.

“Namhlanje sikunye neNdlu yeeNkosi sikutyelelo lwezikolo zolwaluko. Le yinkqubo esiyenza rhoqo ngeli xesha lonyaka ngenjongo yokuqinisekisa ukhuseleko lwabakhwetha nokuba bayaya bephila, babuye bephila,” utshilo uSomlomo weBhunga lalomasipala uCllr Ndanele Mdzinwa.

UMasipala waseMzimvubu uyaqhubeka nokusebenzisana nawo onke amaqumrhu ukuqinisekisa ukuba isiko lolwaluko liqhutywa ngendlela ekhuselekileyo, enesidima, kwaye ubomi bomkhwetha bukhuselekile ngalo lonke ixesha.

INFRASTRUCTURE INVESTMENT BRINGS IMPROVED ACCESS TO WARD 22, BENEFITING MORE THAN ONE THOUSAND COMMUNITIES

Umzimvubu Local Municipality is continuing to invest in infrastructure that responds directly to the needs of communities, with the Njijini to Bangweni Project currently underway in Ward 22, in KwaBhaca.

The project seeks to restore a vital link for communities following the destruction of the existing bridge by natural disasters. Upon completion, the project is expected to benefit residents from 8 villages in Ward 22, improving connectivity and providing safer and more reliable access for community members.

The Njijini to Bangweni Project includes the reconstruction of 5.03 kilometres of gravel road, together with the construction of a new bridge and improvements to drainage infrastructure along the route.

The road rehabilitation works include heavy roadbed preparation, which entails ripping and recompacting the existing road to a depth of 150mm and compacting it to the required 90% Mod AASHTO density. This work also includes the construction of side drains to improve stormwater management.

BY: Khoboso Lebenya



BEFORE



UNDER CONSTRUCTION



A 150mm thick base wearing course will also be constructed, while existing culverts are being cleaned and new culverts constructed where required to improve drainage and protect the road infrastructure.

A key component of the project is the construction of a cast in-situ bridge measuring approximately three metres in height and 19.6 metres in length. The bridge will restore an important crossing for the 8 villages and improve the movement of residents, goods and services within the area.

The project is also contributing to local economic opportunities, with 13 local people currently employed through the construction works. This ensures that the project delivers benefits beyond physical infrastructure by creating employment opportunities for people from the surrounding villages.

"We have been struggling since the bridge was destroyed. Crossing this area became very difficult,

especially for elderly people and children. Seeing the construction of the new bridge gives us hope that we will once again be able to move freely and safely," said an elderly woman, Mama Mamjoli Makanda.

"Once completed, the Njijini to Bangweni Project will provide a safer and more reliable road and bridge connection for Ward 22 communities, while strengthening access to essential services, economic opportunities and neighbouring areas.

The ongoing project reflects Umzimvubu Local Municipality's commitment to addressing infrastructure backlogs and implementing development that responds to the lived realities of its rural communities", said Mayor Cllr Zukiswa Ndevu.

Through this project, the Municipality continues to advance its commitment to Uphuhliso Kumntu Wonke, ensuring that infrastructure investment translates into meaningful and lasting benefits for the communities it serves.


Ayavuna amafama axhaswe ngumasipala kwezolimo

Amafama asakhasayo aseMxhineni, kwaWadi13, avakalise uvuyo nombulelo kuMasipala wase-Mzimvubu emva kokufumana isivuno esihle ngenxa yenkxaso athe ayifumana phantsi kwenkqubo yalomasipala yokuxhasa amafama asakhasayo.

Le projekthi inamalungu alishumi elinambini, aquka ootata, oomama kunye nolutsha, nto leyo ebonisa ukuzibophelela koluntu ekuphuhliseni ezolimo nokudala amathuba oqoqosho kwiindawo ezisemaphandleni.

Kulo nyaka uMasipala wase-Mzimvubu ulime iihektare ezintlanu zombona kule projekthi.

NGU: Nandipha Xangayi



Kulindeleke ukuba kufunyanwe isivuno esingaphezulu kwamasaka ombona angamakhulu alithoba (900), nesiza kuncedisa kugcino lokutya kwakunye nokwandisa ingeniso kumalungu ale projekthi.

Usihlalo wale projekthi, uMalixole Langa, uthe amalungu ayavuya kakhulu yinkxaso athi ayifumane kuloMasipala. "Lo ngunyaka wesithathu silinyelwa nguMzimvubu kwaye siyabulela kakhulu ngenkxaso. Sifumene isivuno esihle kakhulu kulo nyaka ngoko ke silindele ukufumana ingeniso

ebonakalayo, ingakumbi xa siwuthengisa umbona wethu," utshilo uMnu Langa.

"Le nkxaso siyijolise kumafama asakhulayo, ukukhulisa imveliso yawo kwezolimo, ukudala amathuba emisebenzi, ukuphucula ukhuseleko lokutya nokomeleza uqoqosho lwasekuhlaleni. Isivuno esifunyenwe yileprojekthi sibonisa iziphumo ezihle zentsebenziswano phakathi kukaMasipala noluntu ekwakheni ikamva elizinzileyo", utshilo uSodolophu uCeba Zukiswa Ndevu.

UYAQHUBA UMASIPALA WASEKUHLALENI UMZIMVUBU NOPHUHLISO

NGU: Khaya Tshongwe



(Iyaqhubeka kwiphepha lesi-3)

(Kuqhubeka ukusuka kwiphepha lesi-2)

Ukususela ngomhla wama-30 kweyeSilimela ukuya kumhla woku-1 kweyeKhala 2026, uMasipala wasekuHlalani Umzimvubu uqhubekile nokuhambisa iinkonzo nophuhliso kuluntu ngokunikezela ngokusesikweni ngonokhontilaka ozokwakha iholo yoluntu kwilali yaseNcome Springs, kwaWadi 24. Lo msebenzi wokwakha iholo uza kwenziwa yinkampani i-Stibarol Projects (Pty) Ltd, ngexabiso eliyi-R3.1 yezigidi. Ulwakhiwo kulindeleke ukuba lugqitywe kwisithuba seenyanga ezisixhenxe. Le holo iza kuba negalelo elibalulekileyo ekuphuculeni iinkonzo zoluntu, njengoko abahlali baseNcome Springs bebesele bejamelene nomcelimngeni wokungabikho

kwendawo efanelekileyo yokubambela iintlanganiso, iinkqubo zoluntu kunye neminye imisitho yoluntu. Ngexesha lokwakhiwa kwale projekthi, kulindeleke ukuba abantu basekuhlaleni baxhamle kumathuba emisebenzi. Abahlali baseNcome Springs babonakalise uvuyo nolwaneliseko ngokuziswa kwale projekthi, bechaza ukuba iholo iza kubanceda kakhulu ekusombululeni umcelimngeni wokunqongophala kweziseko ezifanelekileyo zokusingatha iinkqubo zoluntu. INkosi yendawo, uMam'uMehlomakulu, ebekho kumsitho wokunikezelwa ngokusesikweni kweprojekthi, nalapho athe wavakalisa amazwi ombulelo kuMasipala ngolu phuhliso luziswa eluntwini. Ethetha kulo msitho, uCeba Ntombizandile Garane, oyiNtloko yeCandelo elijongene neZiseko zoPhuhliso

noCwangciso kwaMasipala, nobemele uSodolophu, uthethe le projekthi ibonisa ukuzibophelela kukaMasipala ekuphuculeni iimeko zokuhlala nokubonelela ngeziseko ezingundoqo ezifunwa luluntu. "Silapha namhlanje sizise unokotraka oza kwakha iHolo yoLuntu. Abahlali baseNcome Springs bayavuya kakhulu ngolu phuhliso abaluziselweyo. Oku kubonisa ukuba singuRhulumente obakhathaleleyo abantu bakhe," utshilo uCeba Garane. Le projekthi yenye yemizamo kaMasipala wasekuHlalani Umzimvubu yokwandisa iziseko zoluntu nokudala amathuba ophuhliso oluzinzileyo, phantsi komgaqo othi **"Uphuhliso Kumntu Wonke."**

UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY COMPLETES PUBLIC TRANSPORT POUND TO STRENGTHEN LAW ENFORCEMENT

Umzimvubu Local Municipality has successfully completed the construction of a dedicated public transport pound, marking an important step towards strengthening the regulation, enforcement and safety of public transport operations within the municipal area. The newly completed facility was visited by the Mayor of Umzimvubu Local Municipality, Cllr Zukiswa Ndevu, as part of her PR Week oversight programme, which provides an opportunity for the Mayor to assess municipal projects and service delivery initiatives on the ground. The public transport pound forms part of the Municipality's strategic efforts to promote safe, orderly and compliant public transport operations across Umzimvubu. The Municipality has identified a volume of non-compliant public transport operators operating within its boundaries as a significant regulatory and road-safety challenge. The establishment of a dedicated and legally recognised holding facility will provide the Municipality with the necessary infrastructure to strengthen enforcement measures against public transport operators who contravene applicable transport legislation.

BY: Khoboso Lebenya and Nande Sicwebu



Once the facility has been officially registered, the Municipality will be in a stronger position to lawfully impound vehicles found to be operating without valid permits, violating route allocations or otherwise contravening applicable public transport laws. The facility has been approved to meet requirements prescribed by the Department of Transport the necessary infrastructure and security requirements for the safe custody of impounded vehicles. Its establishment therefore provides an important foundation for more effective enforcement and regulatory processes within the municipal area. The initiative is aligned with the Municipality's responsibility to contribute towards a public transport environment that is safe, regulated and compliant with the National Land Transport Act (NLTA) and relevant provincial legislation. During her oversight visit, Mayor Ndevu welcomed the completion of the facility, emphasising the importance of municipal infrastructure that responds directly to challenges experienced by communities. "Once officially registered and operational, the public transport pound will not only strengthen the Municipality's capacity to enforce compliance within the public transport sector but will also contribute to revenue generation through applicable impoundment, storage and related fees in line with approved municipal tariffs and relevant legislation. The facility therefore represents an investment in both effective law enforcement and the Municipality's broader efforts to improve its financial sustainability while ensuring that public transport operators comply with the law", expressed Mayor Ndevu. The facility will further enhance coordination between the Municipality and relevant law-enforcement and transport authorities in addressing violations and ensuring that public transport operators adhere to the requirements governing their operations. The completion of the public transport pound is another demonstration of Umzimvubu Local Municipality's commitment to strengthening its regulatory capacity and creating an environment where public services are delivered within a framework of safety, accountability and compliance.

UMASIPALA KUNYE NESEBE LEZENTLALO NOPHUHLISO BAFIKELELA KUMAKHAYA ANGATHATHINTWENI

NGU: Kwanele Nojoko



(Iyaqhubeka kwiphepha lesi-4)

(Kughubeka ukusuka kwiphepha lesi-3)

Abahlali belali yakuManzana, kwaWadi 03 EmaXesibeni, babonakalise uvuyo olukhulu emva kokufumana inkxaso evela kuMasipala wasekuHlaleneni Umzimvubu ebambisene neSebe lezeNtlalo noPhuhliso (Social Development).

Ngomhla wesiHlanu kweyeThupha 2026, uMasipala kunye neSebe lezeNtlalo noPhuhliso Loluntu banikezele ngeepasile kunye neziphokubahlali abadinga inkxaso ngokweemfuno zabo kulandelwa imigaqo nemiqathango egunyazisa iSebe.

Eli nyathelo lijolise ekufikeleleni kumakhaya ajongene neemeko ezinzima, nokuqinisekisa ukuba abantu abangathathi-ntweni bayakwazi ukufikelela kwiinkonzo nakwinkxaso kaRhulumente.

“SinguMasipala wasekuHlaleneni Umzimvubu, sihamba neSebe lezeNtlalo noPhuhliso, silapha ukuzonikezela ngale nkxaso. Siyazi ukuba siphuma kumakhaya ahlukeneyo naphantsi kweemeko ezingafaniyo, kodwa oku kuncinane sikuphetheyo akunakulinganiswa nokungabikho kwanto, kuba kunokwenza umahluko omkhulu kubomi babantu”.

“Sikwabulela kananjalo kwiSebe esihamba nalo ngale nkxaso nentsebenziswano,” utshilo uCeba Ndevu.

Abahlali bamkele ngovuyo le nkxaso, bevakalisa umbulelo kumacandelo kaRhulumente athe asebenzisana ukuze kufikelelwe kwiintsapho ezidinga uncedo.

Eli nyathelo liqaqambisa ukubaluleka kwentsebenziswano phakathi kwamaziko kaRhulumente ekuqinisekiseni ukuba iinkonzo nenkxaso zifikelela kuluntu ingakumbi kumakhaya ajongene neemeko ezinzima.

Umasipala Umzimvubu ebambisene neSebe lezeNtlalo noPhuhliso uzimisele ukuxhasa iinzame ezijolise ekuphuculeni ukufikelela kweenkonzo nokuphucula iimeko zokuphila koluntu.

INTERNATIONAL LITERACY DAY PROGRAMME HELD IN KWABHACA

BY: Nande Sicwebu



On 27 August 2026, Umzimvubu Libraries, together with the Department of Sports, Recreation, Arts and Culture (DSRAC), Department of Education, Alfred Nzo West District, National Education Collaboration Trust (NECT), Umzimvubu Local Municipality and the KwaBhaca Library, hosted an International Literacy Day programme at the KwaBhaca Town Hall. The programme brought together learners and community members to celebrate literacy and promote the importance of reading and learning under the theme, “Literacy for People, the Planet and Prosperity”.

As part of the programme, learners from primary and high school levels participated in a range of activities aimed at testing and developing their language, vocabulary, communication and reading skills. The activities included Word Scramble for Grade 7 learners, Prepared Speech for Grade 10 learners, and Word Association. The programme also featured the Mini LIB for the Blind and the Rai-Rai Community Book Club, highlighting the importance of inclusive access to literacy and reading opportunities within communities.

“The programme is designed to give learners and community members an opportunity to participate in educational and literacy-focused activities while highlighting the role that reading and language development play in empowering people, promoting responsible citizenship, supporting environmental awareness and creating opportunities for prosperity,” said Ms Sindisiwe Maqebhula, Principal Librarian for Umzimvubu Libraries.

Bekubanjwe iphulo lokucoca idolophu yakwaBhaca

NGU: Iviwe Makhasi & Vuyiseka Ndara



Ngomhla wethoba kweyeKhala 2026, iSebe likaRhulumente lezoNxibelelwano (GCIS), libambisene noMasipala wasekuHlaleneni Umzimvubu kunye nolutsha, libambe iphulo lokucoca elibizwa ngokuba yi **“Play Your Part, Love Your Street”** kwidolophu yaKwaBhaca.

Eli phulo lijolise ekukhuthazeni uluntu ukuba luthathe inxaxheba ekugcineni iindawo oluhlala kuzo zicocekile, zikhuselekile kwaye zikwimeko entle. Eli phulo likwajolise ekukhuthazeni abantu, ingakumbi ulutsha, ukuba badlale indima ebonakalayo ekukhuseleni nasekulondolozeni okusingqongileyo.

Ethetha ngeli phulo, uSodolophu woMasipala Umzimvubu, uCllr Zukiswa Ndevu, uthe amaphulo afana nala abalulekile ekwakheni uluntu oluthatha uxanduva lokugcina iindawo zalo zicocekile.

USodolophu ugxininise ukuba ucoceko luxanduva lwabo bonke abantu,

kwaye uluntu kufuneka lusebenzisane noRhulumente ekugcineni iindawo zoluntu zicocekile.

UMnu Ndyabo Kopo ophuma kwaGCIS uthe eli liphulo likazwelonke elijolise ekukhuthazeni uluntu ukuba luthathe uxanduva lokukhathalela indawo oluhlala kuyo, lulondoloze okusingqongileyo kwaye luncede ekwenzeni iindawo zokuhlala zicoceke kwaye zibe luhlaza.

Ukwathe ukugcina okusingqongileyo kucocekile kubaluleke kakhulu, njengoko kunegalelo ekunciphiseni imicelimngeni ejongene nokusingqongileyo, kuquka uguquguquko lwemozulu.

Eli phulo likwakhuthaza abahlali ukuba baqhubeke nokugcina iindawo zabo zicocekile nangemva kokuba iphulo liphelile, ukuze ucoceko lube yinxalenye yobomi bemihla ngemihla kuluntu lwaKwaBhaca.

ALFRED NZO INTRODUCES CONTRACTOR FOR WATER SUPPLY SCHEME IN WARD 14 UMZIMVUBU

BY: Vuyiseka Ndara



The Umzimvubu Local Municipality led the IDP Outreach Programme in various wards from 4th – 7th August 2026, as part of the Municipality's commitment to engaging with communities and providing residents with an opportunity to identify, discuss, and prioritise the developmental needs of their respective wards for the period: 2027 - 2032.

Phase 2 of the programme included the official introduction of the contractor appointed to construct a new Water Supply Scheme set to benefit more than eight villages of Ward 14. The official contractor handover was led by the Alfred Nzo District Municipality Executive Mayor, Cllr Tsileng Sobuthongo, joined by the Mayor of Umzimvubu

Local Municipality, Cllr Zukiswa Ndevu, councillors, and political leaders from both municipalities. With an investment of more than R45 million, the project will improve access to clean and sustainable water while creating employment opportunities for residents during the construction phase.

The contractor handover marked the beginning of a life-changing project that reflects the commitment of both municipalities to improving service delivery and creating economic and job opportunities for communities of Ward 14.



NGU: Iviwe Makhasi

KUKHUTHAZWA UKUCOCEKA NOKUTHOTYELWA KWEMITHETHO YOLAWULO LWENKUNKUMA EMAXESIBENI

Ngomhla we-14 kweyeKhala 2026, iCandelo lakwaCitizen and Community Services kuMasipala wasekuHlalani Umzimvubu libambe iphulo lokufundisa nokuqinisekisa ukuthotyelwa kweMithetho yoLawulo lweNkunkuma (Waste Management By-Laws Enforcement Campaign) kwiRenki yeDolophu yaseMaXesibeni kwaWadi 28.

UCeba uLindikhaya Mveku, obengumbhexeshi weliphulo, uthe injongo yalo kukuqinisekisa ukuba ucoceko luthathwa njengoxanduva lomntu wonke edolophini yaseMaXesibeni. Ubalule ukuba eli phulo lijolise ekufundiseni uluntu, kuquka noosomashishini, ngokubaluleka kokugcina iindawo abasebenza nabahlala kuzo zicocekile kwaye zikhuselekile.

Eli phulo belizinyaswe ngoosomashishini beevenkile ezahlukeneyo, abathengisi basezitalatweni, kwakunye nabo bapheka bathengisele uluntu. Abathathi-nxaxheba bafumene ulwazi ngemithetho nemigaqo ekufuneka beyithobele ukuze bagcine iindawo zabo zicocekile, bakhusele impilo yoluntu, kwaye benze idolophu ibe yindawo ecocekileyo nenomtsalane. UMasipala waseMzimvubu uyaqhubeka nokukhuthaza intsebenziswano phakathi kukaRhulumente noluntu ngokuthi iindawo esihlala kuzo zihlale zicocekile kwaye siyikhathalele indlela yokuchitha inkunkuma.

CONTINUED ENGAGEMENTS BETWEEN UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY AND MARCH & MARCH REPRESENTATIVES

BY: Nande Sicwebu



As part of continued engagements, the Speaker, Cllr Ndanele Mdzinwa led the engagement session between the Umzimvubu Local Municipality and representatives of the March and March at the Municipal Conference Centre in KwaBhaca on the 16th of July 2026.

The engagement forms part of ongoing discussions relating to businesses owned by foreign nationals as operations aimed at addressing illegal immigration continue. The municipality remains committed to engaging with all stakeholders and communities through relevant public participation channels while supporting lawful processes and promoting social cohesion within Umzimvubu.

"The municipality appreciates the manner in which these engagements continue and remains committed to working with all stakeholders in the interest of service delivery and public safety", said Cllr Mdzinwa.

KUNIKEZELWE NGOKUSESIKWENI NGONOKHONTILAKHA KWILALI YASEMBHINCA

NGU: Vuyiseka Ndara



(Iyaqhubeka kwiphepha lesi-6)

(Kuqhubeka ukusuka kwiphepha lesi-5)

Ngomhla wama-24 kweyeKhala 2026, uMasipala wasekuHloleni Umzimvubu unikezele ngokusesikweni ngonokhontilaka ozakulungisa indlela ekwilali yaseMbhinc, kwaWadi 10.

Lo msebenzi uza kwenziwa yinkampani iNkwali Trading, eza kujongana nokulungiswa kwendlela enobude obumalunga ne-4.8 km. Le projekthi kulindeleke ukuba ithathe isithuba seenyanga ezintandathu ukugqitywa.

Ethetha ngexesha lomsitho, uCeba Ntombizandile Garane, oyiNtloko yeCandelo leZiseko zoPhuhliso noCwangciso kwaMasipala, uthe umasipala uzimisele ukuqhubeka nokuhambisa iinkonzo nophuhliso kwiindawo ezahlukeneyo zoluntu.

“SinguMasipala silapha namhlanje eWadi 10, kwilali yaseMbhinc, sizokunikezela ngonokhontilaka oza kulungisa le ndlela. Siyaqhubeka nokuhambisa iinkonzo sizama ukuphucula iindawo abahlala kuzo abantu, ukuze iindlela zihambeke lula kwaye zibe kumgangatho ofanelekileyo,” utshilo uCeba Garane.

Le projekthi ayizukuphucula kuphela imeko yendlela, kodwa kulindeleke ukuba ibe negalelo kuqoqosho lwasekuhloleni ngokudala amathuba emisebenzi. Kuqikelelwa ukuba angaphezulu kwe-10 amathuba emisebenzi aza kudalwa ngexesha lokuphunyezwa kwale projekthi.

Ukulungiswa kwale ndlela kulindeleke ukuba kuphucule uthutho nohambo lwabahlali baseMbhinc, bafikelele lula kwiinkonzo ezisisiseko, kwaye kube negalelo kuphuhliso loluntu lwasekuhloleni.

KUNIKEZELWE NGOONOKHONTILAKA ABAZOKOKHA AMAHOLO KWIIWADI EZIMBINI

NGU: Kwanele Nojoko



Ngomhla wamaShumi amaThathu anaNye KweyeKhala 2026, uMasipala wasekuHloleni Umzimvubu uyaqhuba nokusa uphuhliso kuluntu lonke lwaseMzimvubu ngeenjongo zokuphucula iziseko ezingundoqo zeelali zaloMasipala.

ZiiWadi eziMbini ekuthe kwanikezelwa kuzo onokhontilakha abazokwakha amaholo asekuhloleni, kwaWadi 10 KwaBhaca nakwaWadi 04 EmaXesibeni.

NguKing Soyisile Construction ozakuthi okhe iholo yaseWadi 10 eColana, nekulindeleke ukuba ithathe iinyanga ezisiXhenxhe igqitywe.

Unokhontilakha ozokwakha iholo yaseNgonyameni kwaWadi 04 nguNkamangana Construction, nekulindeleke ukuba athathe iinyanga ezisiXhenxhe ukuba ayigqibe leprojekthi.

Kuzozonke eziprojekthi kulindeleke ukuba kudaleke amathuba emisebenzi afikelele kwiShumi elinesihlanu kwiprojekthi nganye.

"SinguMasipala waseMzimvubu kuleveki besithe bhazalala kwiiWadi zaloMasipa nalapho besiqale kwaWadi 01 ngolwesibini namhlanje besikwaWadi 10 nakwaWadi 04, kuzo zontathu besizise abanokhontilakha abazokwakha iiholo. Eziholo zonke bezicelwe ngabahlali, singuMasipala siyaqinisekisa ukuba unyakamali ngamnye iwadi inayo iprojekthi eqhubayo yaye bonke onokhontilakha bethu baphuma kwakuloMasipala waseMzimvubu ngalondlela kutsho kudaleke amathuba emisebenzi ukugxotha ikati eziko", utshilo uCllr Ntombizandile Garane nobenguSodolophu wosuku.

ENVIRONMENTAL CHAMPIONS SHINE AT DISTRICT AWARDS COMPETITION

BY: Nande Sicwebu



On 19 August 2026, the Department of Economic Development, Environmental Affairs and Tourism (DEDEAT) in the Alfred Nzo District, in collaboration with Umzimvubu Local Municipality hosted successfully the Annual Regional Environmental Awards Competition at EmaXesibeni Multi-Purpose Centre.

According to Ms Nosisa Ndaba from DEDEAT, “the programme brings together schools from across the region to promote environmental awareness, encourage responsible environmental management, and inspire

learners to take an active role in identifying and addressing environmental challenges within their communities.”

Approximately 32 schools - 21 Primary Schools and 11 High Schools were competing in this year's competition, with participants drawn from both primary and high school levels. Primary schools were guided by the theme “A green and smart generation for a better future,” while high schools were focusing on “Harnessing modern technology for environmental protection.”

The competition concluded with the announcement of the winners. In the primary school category, St. Georges SPS took first place, followed by Ithuba Wild Coast Community College, Nkulisa SPS and Mzamba SPS. In the high school category, Bizana SSS emerged as the winner, followed by Mzamba Comprehensive High School, A.D. Tshayingca and Nonkqubela SSS. We congratulate all the schools that participated in the Environmental Awareness Competitions.

KUXHOTYISWA NGOLWAZI OOSOMASHISHINI ABAKHASAYO ABANGAMANINA KWAWADI 15

Ngomhla wama-26 kweyeThupha 2026, njengxalenye yokuqukumbela inyanga yamanina, iSebe likaRhulumente lezoNxibelelwano noLwazi (GCIS), libambisene noMasipala wasekuhlaleni Umzimvubu, libambe umsitho wokuxhobisa oosomashishini abangamanina kwiholo yaseLugangeni kwaWadi 15.

Lo msitho ubuhlanganise amanina angosomashishini abasakhulayo, ngenjongo yokubaxhobisa ngolwazi nangezakhono eziyimfuneko ukuze baqhuba amashishini abo ngempumelelo, bazinzise amashishini abo baze babe negalelo ekukhuliseni uqoqosho kwiindawo abahlala kuzo.

Amaziko namasebe awohlukeneyo aquka iSebe loPhuhliso lwezoQoqosho, iMicimbi yokusiNgqongileyo noKhenketho (DEDEAT), iSmall Enterprise Development Finance Agency

NGU: Nandipha Xangayi



(SEDF), iSebe lezoCoceko lokuSingqongileyo kuMasipala weSithili iAlfred Nzo (Environmental Health), kwakunye neCandelo loPhuhliso loQoqosho lwaseMakhaya (LED) kuMasipala Umzimvubu, abelane ngolwazi ngeenkonzo, amathuba okuphuhla nenkxaso ekhoyo koosomashishini abasakhulayo.

“Nanjengoko sisazi ukuba siphila kwixesha apho amathuba emisebenzi eshokoxekile, namhlanje sizokukhuthaza amanina ukuba bavuke bazenzele ukuze basuse ikati eziko, bafunde ukuzimela kwanokukhulisa uqoqosho kwiindawo abahlala kuzo,” utshilo uMnu Ndyabo Kopo ongu Regional Communication Coordinator kwaGCIS.

Lo msitho ubonakalisa ukuzibophelela kukaRhulumente ekuxhobiseni amanina ngolwazi, ekukhuthazeni ushishino nokudala amathuba emisebenzi azakuthi abe negalelo kuphuhliso loluntu.

UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY HONOURS WOMEN DURING WOMEN'S MONTH CELEBRATION

Umzimvubu Local Municipality celebrated and honoured women from across 28 wards during Women's Month celebration held on 28 August 2026, under the theme, “Empowered Women Empower Nations: Give to Gain - Supporting Women and Girls, Ripple Effect.”

Led by the Mayor of Umzimvubu Cllr Zukiswa Ndevu, the event brought together women from different communities to celebrate their strength, resilience, achievements and contribution to the development of their families and communities.

The celebration provided a platform for women to connect, share experiences, inspire one another and reflect on the important role they play in the social and economic development of Umzimvubu.

As part of the Municipality's commitment to supporting women's economic empowerment, identified women-led projects were also supported with equipment aimed at strengthening their operations, promoting sustainability and creating opportunities within their communities.

BY: Iviwe Makhasi



The Municipality also honoured all women who participated in the celebration by presenting each participant with a token of appreciation in recognition of their contribution, resilience and continued role in building stronger families and communities.

Speaking during the event, Mayor Ndevu emphasised that celebrating women should be accompanied by meaningful support and opportunities that enable women to thrive.

“Women are the backbone of our families and communities, and their contribution to the development of Umzimvubu cannot be overstated. As we celebrate Women's Month, we also want to ensure that our celebration translates into meaningful support. By supporting women-led projects, we are investing in women, their families and the communities they serve. This is the ripple effect of empowerment,” said Mayor Ndevu.

The Women's Month celebration reaffirmed Umzimvubu Local Municipality's commitment to recognising, supporting and empowering women, while acknowledging their invaluable contribution to the development of the Municipality and the communities it serves.

EASTERN CAPE PROVINCIAL GOVERNMENT HONOURS LATE EMERITUS BISHOP DON DABULA AT PROVINCIAL SPECIAL FUNERAL IN KWABHACA

BY: Nandipha Xangayi and Nande Sicwebu



(Continues to page 8)

(Continued from page 7)

On 10 September 2026, the Eastern Cape Province joined the people of KwaBhaca and EmaXesibeni in paying tribute to the late Emeritus Bishop Don Dabula of the Methodist Church of Southern Africa during a Provincial Special Funeral held in KwaBhaca.

The funeral service of the Bishop Dabula brought together the Eastern Cape Provincial Government, led by the Premier, Mr Oscar Mabuyane who was joined by various Members of the Executive Council (MECs), national Ministers, Members of the Provincial Legislature (MPLs) and members of the judiciary, who gathered to honour the life and legacy of the respected spiritual leader and community elder.

Also in attendance were councillors and representatives from Umzimvubu Local Municipality and Alfred Nzo District Municipality, sister municipalities alongside the people of KwaBhaca and EmaXesibeni, who came in numbers to pay their final respects to a man whose life and ministry touched many lives,a revered spiritual leader, community elder and champion of community development.

On behalf of Umzimvubu Local Municipality, Mayor Cllr Zukiswa Ndevu extended her heartfelt condolences to the Dabula family, particularly Mama Zola Dabula (Mamnguni), during their time of grief. The Eastern Cape Provincial Government also conveyed its thoughts and prayers to the Methodist Church community and all those whose lives were touched by Bishop Dabula's ministry, wisdom, compassion and service.

Emeritus Bishop Don Dabula will be remembered as one of the respected elders of KwaBhaca, whose lifelong commitment to spiritual guidance,

community development, social cohesion and the wellbeing of others positively impacted countless lives. Through his ministry and community leadership, he dedicated himself to uplifting people and strengthening the bonds that hold communities together.

"His passing leaves a significant void in the spiritual and social life of KwaBhaca and the entire Umzimvubu. However, his legacy will continue to live on through the many people he guided, inspired, counselled and served throughout his life. As Umzimvubu Local Municipality, we honour the life and legacy of Emeritus Bishop Don Dabula. We are grateful for his years of service, his wisdom, his leadership and the enduring contribution he made to our community," said Premier Mabuyane.

The significance of Bishop Dabula's contribution to KwaBhaca has also been recognised through Dabula Street, which proudly bears his name as a lasting testament to the important role he played in the spiritual and social development of the area.

The Provincial Special Funeral provided an opportunity for government leaders, the church, traditional and community leadership, and residents to come together in remembrance of a life dedicated to faith, service and community.

May the family find strength and comfort in knowing that Emeritus Bishop Don Dabula's life made a lasting difference and that his legacy will continue to inspire generations to come.

Lala ngoxolo, Emeritus Bishop Don Dabula. Hamba kahle, Zulu. Your legacy will live on in the hearts and lives of the people of Umzimvubu.

UMZIMVUBU EXPLORES THE BEAUTY OF NTSIZWA HIKING TRAILS

BY: Nandipha Xangayi



More than 95 hikers and 35 local crafters came together for the inaugural Ntsizwa Hiking Trail. The breathtaking natural beauty of Umzimvubu Local Municipality was on full display on 26 September 2026, as more than 95 hiking enthusiasts from across the Alfred Nzo District and neighbouring municipalities took part in the 1st Annual Ntsizwa Hiking Trail.

Held as part of Tourism and Heritage Month, the inaugural hiking event provided participants with an opportunity to explore the scenic landscapes, rich cultural heritage and rural hospitality of the Umzimvubu area, while showcasing the municipality's growing tourism potential.

The hiking adventure began at Lusuthu Village, with participants making their way through the beautiful Ntsizwa mountain landscape towards Lugelweni Village, the endpoint of the trail.

Along the route, hikers were treated to spectacular mountain views, indigenous vegetation and birdlife as they experienced the natural beauty of the area. The refreshing Lugelweni Waterfalls provided a memorable conclusion to the hiking adventure. First-time hikers embrace the Ntsizwa experience.

One of the highlights of the inaugural event was the participation of several first-time hikers, who took on the challenge and experienced the beauty of Ntsizwa for themselves. Among the hikers was Zimkhitha Peyana who described participating in the hike as an exciting and rewarding experience. Although it was her first hiking adventure, she embraced the challenge and enjoyed being surrounded by nature while walking alongside fellow hiking enthusiasts. "I would like to encourage other people who have never participated in a hike not to be intimidated by the experience, but to start preparing for the next Ntsizwa Hiking adventure", she expressed.

The event placed a strong emphasis on community-based tourism and local economic development. Two local tourism cooperatives, Ntombi-yexesibe Cooperative in Lugelweni and Fikiswa Ndilele Cooperative in Lusuthu Village, played an important role in supporting the event.

Overnight hikers were accommodated in local homestays in Lusuthu Village on 25 September, creating direct economic opportunities for participating households while allowing visitors to experience the warmth and hospitality of the local community.

Following the hike, participants and community members gathered at the Lugelweni Ntsizwa Hiking Trail site, where the celebrations continued with entertainment, a community braai and a tourism-focused flea market. The flea market provided a platform for 35 local crafters and entrepreneurs to showcase their products and talents. Exhibitors represented various categories, including designers, farmers, woodworkers, painters and artists, while tourism information and other locally produced offerings were also made available.

Held under the theme "Celebrating Our Living Heritage: Strengthening the Ties That Bind Us," the event highlighted the importance of protecting and celebrating the area's natural and cultural heritage while creating sustainable opportunities for local communities.

Umzimvubu Local Municipality extends its sincere appreciation to all the hikers who participated in the inaugural Ntsizwa Hiking Trail. Their enthusiasm, energy, determination and willingness to embrace the journey contributed immensely to making the event a memorable and successful experience. From seasoned hiking enthusiasts to those who completed their very first trail, every participant played a role in creating an atmosphere of adventure and celebration.

PRODUCED BY: UMZIMVUBU LOCAL MUNICIPALITY COMMUNICATION & PUBLIC RELATIONS UNIT
PLEASE FOLLOW OUR SOCIAL MEDIA PAGES
UPHUHLISO KUMNTU WONKE